


## Keep them reading!

**Getting young children into the reading habit is sometimes easier, than helping them to sustain it as they get older! So, what can you do to help make sure that your children keep reading throughout their childhood and into their teenage years? Here are some ideas:**

- If children have been exposed to books from an early age, then often by age 9 they have developed a preference for particular types of books. Some children like stories about characters in real-life situations; others like fantasy. Some children like adventure stories; others like science fiction. Developing a preference for a particular type of story is a completely natural process and is part of maturing as a reader, so don't worry if your children only want to read one or two types of books!
- Share chapter books by reading two or three chapters together each day.
- Remember to share other reading material too: magazine articles, poems and newspapers as well as material you may have downloaded from the Internet.
- If your children prefer to read on their own, set aside a short time in the week when you all discuss the books that they are currently reading. Or, find out about what they are reading more informally by asking them what happened in a previous chapter as they settle down to continue to read a book.
- If you have just started reading to children of this age and they are not yet able to read independently, try choosing picture books to

read together to start with. Books of fables or traditional stories often have illustrations in them which make them suitable for late-starters or reluctant readers. Once you are in a routine of reading together regularly, you can introduce short novels as these often have simpler plots and fewer lengthy descriptive passages.

- Spend some time each week reading to your children – even when they are competent independent readers. Choose books that are slightly more advanced than the level at which they are currently reading on their own.
- Some teenagers can't get enough of books and always seem to have their nose in a book while others often go through phases of hardly reading at all. Encourage less-regular readers by continuing to expose them to reading material in subtle ways: buying magazines for them, leaving a newspaper lying around, suggesting they visit websites with interesting content and visiting the library or popping into a bookshop when they just 'happen' to be with you! If you have friends with children of the same age, find out what these children are reading and perhaps suggest these books to your child.



## Bagcine befunda!

**Ukufundisa abantwana ukuqhela ukufunda ngamanye amaxesha kulula kunokubanceda bahlale bengagungqi kwesi siqhelo njengokuba bekhula nje! Ngoko ke, ungenza ntoni ukuze uqinisekise ukuba abantwana bakho bahlala befunda ukusuka kwixesha lobusana babo de bafikelele kwiminyaka yokufikisa kwabo? Nazi ezinye iingcebiso:**

- Xa abantwana belifumene ithuba lokukrotyiswa ezincwadini beselula, ithi ifika iminyaka eli-9 yobudala babe sele bekwazi ukuzikheithela iintlobo ezithile zeencwadi abazithandayo. Abanye abantwana bathanda amabali anabalinganiswa abikwiimeko zobomi bokwenyani; bambi kubo bathanda amabali abantsomirha, aziingcinga ezimangalisayo. Abanye abantwana bathanda amabali angobudela-ngozi; ukanti abanye bathanda amabali anemimangaliso yenzululwazi. Ukuphuhla kothando lokukhetha uhlobo oluthile lwebali yinkqubo yendalo gqibi kwaye yinxalenye yokukhula ngokwamava njengomfundi, lilonke kumele ungazikhathazi xa abantwana bakho befuna ukufunda uhlobo olunye okanye iintlobo ezimbini ezithile zeencwadi kuphela!
- Yabelanani ngeencwadi ezinezahluko ngokuthi nifunde kunye izahluko ezibini okanye ezithathu ngosuku ngalunye.
- Khumbulani ke ukwabelana nangezinye izixhobo zokufunda: amanqaku emagazini, imibongo namaphephandaba kunye nezinye izixhobo zokufunda ozifumene kwi-Intanethi.
- Ukuba abantwana bakho bakhetha ukuzifundela ngokunokwabo, bekela bucala ixesha elifutshane rhoqo evekini apho nixoxa khona ngezi ncwadi

bazifunda ngaloo mzuzu. Kungenjalo, fumana iinkcukacha malunga noko bakufundayo ngokupholileyo, ngokuthi ubabuze ngokwenzekileyo kwisahluko esidlulileyo kanye ngeli thuba balungiselela ukuqhubekela nokufunda incwadi.

- Ukuba usandul' ukuqala ukufundela abantwana abakule minyaka yobudala, kwaye babonakala bengekakwazi ukuzifundela ngokunokwabo, zama ukhethe iincwadi ezinemifanekiso nizifunde kunye kuqala. Iincwadi zeentsomi kunye namabali emveli zithanda ukuba nemizobo okanye imifanekiso ebangela ukuba kube lula ukuzifunda, nakwabo baqale kade ukufunda okanye abo bangcathu ekufundeni. Xa sele ninexesha elisisiqhelo enifunda ngalo rhoqo kunye, unakho ukubangenisa nakwiinovelu ezimfutshane nanjengoko zona zinezakhiwo ezilula kwanemihlathi echazayo emide embalwa.
- Chiitha ixesha elithile rhoqo ngeveki ufundela abantwana bakho – nokuba sele bekwazi ukuzifundela ngokugqibeleleyo. Khetha iincwadi ezikwinqanaba elingentla kuneli bazifundela kulo ngalo mzuzu.
- Abanye abantwana abafikisayo abaneli kukufunda iincwadi, kangangokuba behleli nje bafunda incwadi ngeli lixa abanye bengakuthi chatha nakancinci ukufunda. Bakhuthaze abo bangafundi rhoqo ngokuqhubekela ukabrobisa kancinci kwizixhobo zokufunda: ubathengele iimagazini, ubeke iphephandaba ekuhlani, ubacebise bandwendwele imijelo yomnathazwe enomongo onika umdla kwaye uqhubekela nokundwendwela ithala leencwadi xa usazi ukuba baza kukhapha okanye ungene kwivenkile yeencwadi xa bekunye nawe! Ukuba unabahlobo abanabantwana abantanganenye naba bakho, bacele bakwazise ukuba abantwana babo bafunda ntoni, uze mhlawumbi ucebise naba bakho abantwana ukuba bafunde ezo ncwadi.

Rico 2012.



Drive your  
imagination

Sparking children's potential through  
storytelling and reading  
Ukuvuselela isakhono sabantwana  
ngokubabalisela amabali  
nokubafundela







**Q:** My daughter is 3 years old and ever since I started reading your supplement, I've been reading to her at bedtime every day. She also has story time in the morning and afternoon at the educare centre she goes to. But I find that when we share books together at bedtime we're both a bit irritable because we're tired after our busy days! I know that reading to children at bedtime is what most people suggest. What can I do to make this time more relaxed for both of us?

*Zinhle Mbuli, Benoni*

**A:** You're absolutely right that whenever you read together the most important thing is that these times are relaxing and enjoyable for you both! Try out a few different times of day to see what suits you best. Remember that you can share stories whenever it feels right for you, no matter what time it is. Sometimes playing a little game or singing a song your daughter loves will also help to get her in the mood. A good selection of books is useful too, so she can choose. Be guided by the way you both feel. Even five minutes a day is good, as long as it's positive and fun!

**Q:** Intwazana yam ineminyaka emithathu kwaye ukusukela mhla ndaqala ukufunda ihlelo lenu, ngoku ndimfundela rhoqo xa eza kulala. Uyalifumana nethuba lokufunda kusasa nasemva kwemini kwiziko lokukhathalela abantwana angena kulo. Kodwa ndiqaphela ukuba xa sisabelana ngeencwadi ngexesha lokulala sikhangeleka sikruqukile sobabini kuba sidinwe kukuxakeka kweemini zethu! Ndazi kakuhle ukuba eyona nto icetyiswayo ngabantu kukubafundela abantwana xa beza kulala. Zinto zini endinokuzenza ukuze eli xesha lingabinaxinzelelo kuthi sobabini, ukuze silonwabele?

*NguZinhle Mbuli, eBenoni*

**A:** Uchane ucwethe ngqo xa usithi xa nifunda kunye eyona nto ibalulekileyo yeyokuba elo kufuneka ilixesha elizolileyo nelonwabisayo kuni nobabini! Khawuzame namanye amaxesha osuku ukuze nibone elona xesha lifanele nina kanye. Khumbula ke ukuba ningabelana ngamabali xa kukhangeleka kunilungele ukwenza oko, nokuba kungaliphi na ixesha. Ngamanye amaxesha ke nokudlala umdlalwana okanye ukucula ingoma ethandwayo yintwazana yakho kungayanceda ekubeni semdleni wokufunda. Ukukhetha kakuhle iincwadi nako kungaluncedo, naye ke mnike ithuba akhethe. Apha ke kufuneka nikhokelwe nayindlela enivakalelwa ngayo. Nkqu nemizuzu emihlanu ngosuku ilunge ngqo, okubalulekileyo kukuba mayibe lulutho kwaye yonwabise loo mizuzu!

STOP! If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.

YIMA! Ukuba awusayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Lise esikolweni, kwiziko loluntu, elayibhrari okanye kumntu omaziyo.



Dear Nal'ibali...  
Mhleli weNal'ibali...

Write to Nal'ibali at PO Box 1654, Saxonwold, 2132 or letters@nalibali.org

Bhalela kwi: Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132 okanye kwi: letters@nalibali.org



**Q:** My four-year-old son owns a few books and we go to the library every Saturday morning so that there are others books that I can read to him too. My problem is that at the moment there is only one book that my son ever wants me to read him! If I start reading another book, he just says that he doesn't want to hear that story and gives me his favourite book to read to him! I don't mind reading his favourite story again and again but I want him to get the most out of our story times and I don't think that he is because we are not reading enough different books. How do I change this?

*Sarah Meeson, Pietermaritzburg*

**A:** You are not the first adult to ask us this question! It is very common for young children to want to hear their favourite stories told or read over and over again! Mostly this happens for a while and then children find a new 'favourite' story to keep asking for. In the meantime, please do not worry: every time your child hears his favourite story he is learning about how stories and language work and making connections between the words and letters on the page and how they represent the same sounds each time they are read. All of this is developing his literacy. You can encourage him to try other books by suggesting that you each choose a book for you to read to him. That way he can continue to choose his one-and-only favourite book of the moment and you get to introduce a different book to him every day!

**Q:** Unyana wam oneminyaka emine uneencwadi zakhe eziliqela kwaye siya kwithala leencwadi rhoqo ngeentsasa zangoMgqibelo ukuze ndifumane nezinye iincwadi endinokumfundela zona. Ingxaki endinayo yeyokuba inye kuphela ngoku incwadi unyana wam afuna ndimfundele yona! Ukuba ndiqalisa ukumfundela enye incwadi, usuke athi akafuni kuyiva loo ncwadi, atsho endinika incwadi yakhe ayithanda kunene ukuze ndimfundele yona! Akundihluphi kakhulu ukumfundela le ncwadi yakhe umhla nezolo kodwa iinjongo zam kukuba azuze lukhulu kumaxesha ethu okufunda amabali kodwa andiqondi ukuba oku kuyenzeka nanjengoko singafundi zincwadi zahlukileyo ngokwaneleyo. Ndingayitshintsha njani le meko?

*NguSarah Meeson, ePietermaritzburg*

**A:** Akungomzali wokuqala ukusibuza lo mbuzo! Yinto eqhelekileyo ebantwaneni ukufuna ukuva ibali abalithanda kakhulu lifundwa rhoqo izihlandlo ngezihlandlo! Ubukhulu becala ke oku kwenzeka ithutyana bade abantwana bafumane enye incwadi abayithandayo entsha abaza kucela ukuyifundelwa rhoqo. Okwakaloku nje, nceda ungazikhathazi: rhoqo umntwana wakho ephulaphula ibali lakhe alithandayo ufunda banzi ngendlela asebenza ngayo amabali nolwimi aze enze nonxulumano phakathi kwamagama noonobumba ephepheni kuquka nendlela amela ngayo izandi ezinye rhoqo efundwa. Konke oku kuphuhlisa isakhono sakhe sokufunda nokubhala. Ungamkhuthaza ekuzameni ukufunda ezinye iincwadi ngokuthi umbonise ukuba umntu ngamnye kuni uza kukhetha incwadi eniza kumfundela yona. Ngolu hlobo yena uza kuqhubeka ekhetha incwadi yakhe ayithanda kakhulu ngalo mzuzu, uze ke wena ufumane ithuba lokuqalisa ukumfundela incwadi eyahlukileyo ngosuku ngalunye!

**Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane**

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



## Get story active!

After you and your children have read *Jingle-jingle in my pocket* you might want to try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- Look at the pictures again. Choose some of them to focus on and, with your children, talk about what they think the people in the pictures might be feeling.
- In the story, Thandi misses her mother. Encourage your children to suggest why they think her mother does not live with her.

### If you have 30 minutes...

- Tell a story about a time in your own life when you had to put a lot of effort over a period of time into achieving something you really wanted or needed.

### If you have one hour...

- In the story, Thandi makes cookies to sell. Get your children baking by trying out this delicious, but easy, biscuit recipe with them. Remember to read through the recipe with them before you begin.

### Jam biscuits

#### Ingredients:

- 6 tablespoons butter
- ½ cup sugar
- 1 egg
- ½ teaspoon vanilla essence
- 1 pinch of salt
- 1¾ cups self raising flour
- ½ cup jam



1. Preheat the oven to 180°C.
2. Grease and lightly flour two baking sheets.
3. Use a wooden spoon to mix the butter and sugar together well.
4. Add the egg and vanilla essence. Beat the mixture well.
5. Add the flour and the salt. Mix together well.
6. Roll the mixture into balls about the size of a 50c piece.
7. Put the balls on the baking trays.
8. Push the back of the wooden spoon into the middle of each ball to make a hollow. Fill it with about ½ teaspoon of jam.
9. Bake at 180°C for 10 to 15 minutes.

## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde *uKhenkce-khenkce epokothweni yam* ningathanda ukuzama ezinye zezi ngebisiso.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- Jongani emifanekisweni kwakhona. Khethani eminye yayo ukuze nigxininise kuyo, ze wena nabantwana bakho nixoxe ngoko bacinga ukuba kuviwa ngabantu abasemifanekisweni.
- Ebalini, uThandi ukhumbula umama wakhe. Bakhuthaze abantwana bakho ukuba bacinge ukuba kutheni umama wakhe engahlali naye nje.

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- Balisa ibali malunga nexesha kubomi bakho apho kwakulindleleke ukuba usebenze ngokuzinikela ixesha elide ukuze uphumeze into owawuyifuna nowawuyidinga kakhulu.

### Ukuba uneyure...

- Ebalini, uThandi ubhaka amaqebengwana aza kuwathengisa. Nika abantwana bakho ithuba lokubhaka ngokuthi nizame ukulandela le resiphi ilula yeebhiskithi ezimnandi. Khumbula ke ukuba kufuneka niyifunde le resiphi kuqala phambi kokuba niqalise.

### Iibhiskithi zejem

#### Izithako:

Amacephe amathandathu ebhotolo  
Isiqingatha sekomityi yeswekile  
Iqanda elinye  
Isiqingatha setispuni sencindi yevanila  
Icuntswana letyuwa elinye  
Iikomityi zomgubo wokuxova ozinyukelayo zibeli-1¾  
Isiqingatha sekomityi yejem

1. Shushubeza kwangethuba isitovu siye kuthi ga kuma-180°C.
2. Thambisa iipani zokubhaka ngamafutha uze uthi chatha nentwana yomgubo wokuxova kuzo.
3. Sebenzisa icephe lokhuni ekuxubeni ibhotolo neswekile.

4. Galela iqanda kunye nencindi yevanila ngaphezulu. Wuqhuqhe ngokwaneleyo lo mxube.
5. Galela ngaphezulu umgubo wokuxova netyuwa. Qhuqhisisa.
6. Lo mxube wuqengqeqe ube ziibholana ezilingana nemali eyi-50c.
7. Ezi bholana zibeke ke ngoku kwiitreyi zokubhaka.
8. Cinezela umva wecephe lokhuni kumbindi webholana nganye ukuze kuvuleke umngxuma. Lo mngxuma wuvale ngesiqingatha setispuni lejem.
9. Bhaka ke ngoku kubushushu obungange-180°C isithuba semizuzu eli-10 ukuya kweli-15.

### Can you...

- colour in this picture of Thandi
- add two chickens to the picture
- write what you think the people are saying in the speech bubbles?

### Ungakwazi...

- ukufaka imibala kulo mfanekiso kaThandi
- ukwangeza iinkukhu ezimbini emfanekisweni
- ukubhala oko ucinga ukuba kuthethwa ngabantu kumaqamza entetho?





## Story corner

Here is a traditional story from West Africa for you to read aloud or tell.

### Number one washerwoman Retold by Jay Heale

Years ago, somewhere in Africa, a chief struggled to bring peace and happiness to his people. Many people helped him. Some were soldiers, some were builders, some were advisers, some were farmers. Some only worked in the chief's kraal.

The chief became rich and powerful. One day he decided that all those who had helped him should be rewarded. So messages were sent and drums were drummed. Everyone gathered in the village meeting place under the Marula tree.

The chief clapped his hands. Baskets full of gleaming gold coins were carried in. There was so much money that it filled the middle of the village square.

"Now, my faithful friends," said the chief. "I want to reward each one of you. Some of you have done a lot and some have done less. Now you can claim your own reward. How much do you think you deserve?"

"Five thousand coins," said the general.

"One thousand," said the prime minister.

"Five hundred," said the keeper of the chief's huge herd of cows.

"One hundred," said the head cook, waving her wooden spoon with great excitement.

"Fifty," said the sentry at the door.

But the washerwoman said only, "I want one."

The chief stood. "You have claimed fairly," he told them. "My money counter will make sure that you get exactly what you have asked for." Then he left them.

The money counter bent over the first bag to start counting. "One," he said.

The washer woman raised her hand. "That's mine," she said. Everyone nodded and she put the coin in her bag.

The money counter started again. "One," he said.

"That's mine," said the washerwoman. "I asked for one." She took the coin.

The official started counting aloud again and again, but each time he said, "One," the washerwoman claimed the coin. Her bag grew heavier. The people waiting under the tree became annoyed but there was nothing they could do. The washerwoman was only receiving what the chief had agreed on.

One by one, the others went home and the clever washerwoman became the richest person under the Marula tree.



Illustration by Meg Jordi  
Imifanekiso nguMeg Jordi

## Indawo yamabali

Nali ibali lemveli elisuka kwiNtshona Afrika ukuze ulifunde ngokuvakalayo okanye ulibalise.

### Umhlambi-zimpahla nengqekembe yemali enye Libaliswe kwakhona nguJay Heale

Kudala-dala, phaya eAfrika, kwakukho inkosi eyayisokola ukuzinzisa uxolo nolonwabo kubantu bayo. Babebaninzi abantu ababemnceda. Abanye yayingamajoni, abanye ingabakhi, abanye ingabacebisi, abanye ingamafama. Abanye babesebenza nje apha Komkhulu kuphela.

Le nkosi yaye yasisityebi kwaye yanobungangamsha. Ngaminazana ithile igqibe ekubeni abo bayincedileyo kumele bawongwe. Ngoko nangoko ke imiyalezo yahanjiswa kwaze kwabethwa namagubu. Wonke umntu wahlangana kwinkundla ekudityanwa kuyo kule lali phantsi komthi weMarula.

Inkosi yaqhweba izandla zayo. Kwangoko kungene iingobozi ziphuphuma ziinkozo ezikhazimlayo zegolide. Yayininzi kakhulu imali eyayilapho kangangokuba yagcwalisa umbindi wesikwere eso xa sisonke.

"Ngoku ke, bahlobo bam abathembekileyo," itshilo inkosi. "Ndifuna ukuwonga umntu ngamnye apha kuni. Bambi kuni benze lukhulu, ukanti abanye benze okuncinci. Ngoku ke ningeza kulanda izipho zenu. Ingaba nicinga ukuba nimele ukufumana kangakanani?"

"Iinkozo zemali ezingamawaka amahlanu," itshilo injengele.

"Iwaka," itshilo inkulumbuso.

"Amakhulu amahlanu," watsho umalusi womhlambi weenkomo ezininzi zenkosi.

"Ikhulu," utshilo umpheki oyintloko, ephekuza emoyeni ngecephe lakhe lokhuni ngochulumanco.

"Amashumi amahlanu," utshilo umlindi-masango.

Kodwa umama ongumhlambi-zimpahla wathi, "Ndifuna ibe nye kuphela."

Yaphakama inkosi. "Nicle ngokufanelekileyo," utshilo kubo bonke. "Umbali-zimali wam uza kuqinisekisa ukuba nonke niyakufumana oko nikucelileyo." Emva koko wabashiya.

Umbali-zimali wagoba phezu kwesingxobo sokuqala ukuze aqalise ukubala. "Inye," utshilo.

Umama ongumhlambi-zimpahla waphakamisa isandla sakhe. "Yeyam leyo," utshilo. Wonke umntu wanqwala waze wafaka imali kwisingxotyana sakhe.

Umbali-zimali waqalela phantsi kwakhona. "Inye," utshilo.

"Yeyam leyo," utshilo umama ongumhlambi-zimpahla. "Bendicele enye."

Wayithatha loo ngqekembe yemali.

Igosa liphinde laqalisa ukubala ngokukhwaza liphinda-phinda, kodwa rhoqo lisithi, "Inye," umama ongumhlambi-zimpahla ayibange loo ngqekembe yemali. Saya sisiba sikhulu ngokuba sikhulu isingxotyana sakhe. Abantu ababelinde phantsi komthi basuka bacaphuka, kodwa kwakungekho nto banokuyenza. Umama ongumhlambi-zimpahla wayefumana oko kwakugunyaziswe yinkosi.

Ngabanye ngabanye, abantu bagoduka waze umama ongumhlambi-zimpahla okrele-krele wangoyena mntu usisityebi phantsi kwaloo mthi weMarula.

From: *Three clever thinkers*  
by Jay Heale © 2009

CAMBRIDGE

### In your next Nal'ibali supplement:

- Using the Nal'ibali supplements at your reading club
- Story stars: a literacy organisation that lets children shine
- Mini-book, *Dorothy's visit*
- A read-aloud story, *The ugly duckling*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



Find us on Twitter:  
@nalibaliSA  
Sifumane kuTwitter:  
@nalibaliSA

### Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Ukusebenzisa amahlelo kaNal'ibali kwiqela elifundayo lenu
- Imbalasane yebali: umbutho welitherasi ovumela abantwana ukuba baqaqambe
- Incwadana encinane: *Utyelelo lukaDorothy*
- Iballi elifundwa ngokuvakalayo, *UDadana ombi*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali? Ndwendwela kule webhusayithi- [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)





We publish **what** we like


Read the original story, *Jingle-Jingle in my pocket*, available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Khenkce-khenkce epokothweni yam*, eli bali likwafumaneka i-English, ngesiZulu, i-Afrikaans, IsiSiswati, IsiPedi, IsiSuthu, IsiTswana, IsiTsonga, IsiVenda nangesiNdebele.

[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za)

© Jacana Media (South African rights only)  
Tel: (011 628 3200)


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination





My best shoes are broken. I am sad. I know Gogo has very little money. New shoes are so expensive. What am I going to do?

“There are many ways we can make money, Thandi. We can sell chickens and vegetables. We can mend clothes or bake some of your favourite cookies. Together we can do this,” says Gogo.



Izihlangu zam endizithanda kakhulu zigugile. Ndikhathazekile. Ndiyazi ukuba umakhulu unemali encinci. Izihlangu ezitsha ziduru. Ndiza kuthini?

“Zininzi iindlela esinokwenza ngazo imali, Thandi. Singathengisa iinkukhu nemifuno. Singathunga iimpahla okanye sibhake iibhisikithi ozithandayo. Sobabini singayenza le nto,” utshilo umakhulu.

First Gogo buys some chickens from a farmer. We are going to sell them to our neighbours. The chickens make a big noise. I hope Gogo will let me keep one.



Okokuqala umakhulu uthenga iinkukhu efama. Siza kuzithengisela abamelwane bethu. Iinkukhu zingxola kakhulu. Ndiyathemba ukuba umakhulu uza kundipha enye.

Today we are selling some of the chickens. I feel sorry for them. Gogo tells me that I must look after all the money. When somebody buys a chicken, I put the money in my pocket. I hear the coins go jingle-jingle in my pocket.



Namhlanje sithengisa ezinye zezi nkukhu. Ndiyazisizela ke noko. Umakhulu uthi xa umntu ethenga inkukhu, imali ze ndiyifake epokothweni yam. Ndiva imali ikhenkce-khenkceza epokothweni yam.

“Those naughty chickens are eating my spinach!” says Gogo crossly. “Come Thandi, help me pick some vegetables. We are going to sell them to Nombulelo.” I laugh when the chickens run faster than I do.



“Eziya nkukhu zingevayo zitya isipinatshi sam!” utsho umakhulu equmbile. “Yiza Thandi, ndincedise sikhe imifuno. Siza kuyithengisela uNombulelo.” Ndiyahleka xa iinkukhu zibaleka kakhulu ukodlula mna.



Everybody likes Gogo's vegetables. The spinach is so green and tasty. The carrots are so sweet and crunchy. Nombulelo's coins go jingle-jingle in my pocket.



Bonke abantu bayayithanda imifuno kamakhulu. Isipinatshi siluhlaza kwaye sinencasa. Iminqatha iswiti kwaye ikram-kram. Imali kaNombulelo iyakhenkce- khenkceza epokothweni yam.

Gogo is mending Siphos broken zip. I am making some head scarves. I can use Gogos sewing machine. I feel so grown up. I am excited about my new shoes.



Umakhulu uthunga uziphu kaSipho omoshakeleyo. Ndenza iiqhiya. Ndingawusebenzisa umatshini kamakhulu wokuthunga. Ndizibona ndikhulile. Ndiziva ndichwayitile ngezihlangu zam ezitsha.



The mamas tell Gogo how clever I am. I feel proud and I feel shy. I touch the money the mamas gave me. The coins make a soft jingle-jingle in my pocket.




Oomama baxelela umakhulu indlela endikrelekrele ngayo. Ndiyazingca kwaye ndineentloni. Ndiyayiva ngesandla imali endiyinikwa ngoomama. Imali ikhenkce-khenkceza ngokuzolileyo epokothweni yam.

I fold the dress that Gogo made for Nozuko. I think of my Mama. She used to look so beautiful in Gogo's dresses. I miss her. She would be proud of me for helping Gogo.



Ndisonga ilokhwe umakhulu ayithungele uNozuko. Ndinga umama. Wayebamhle kakhulu xa anxibe ilokhwe zikamakhulu. Ndiyamkhumbula. Ubeyakuzingca ngam ngokuncedisa umakhulu.

“Thank you for my dress!” says Nozuko. I feel close to Mama when Nozuko hugs me. Nozuko gives me two shiny coins. The coins go jingle-jingle in my pocket.



“Enkosi ngelokhwe yam!” utsho uNozuko. Ndiziva ndikufutshane noMama xa uNozuko endanga. UNozuko undinika imali ezinkozo ezimbini ezibengezelayo. Imali iyakhenkce-khenkceza epokothweni yam.

Today we are baking. The cookies are turning a golden brown. My tummy is hungry for a bite. I am going to keep the last cookie for myself. I smile a secret smile when I think of my shiny new shoes.



Namhlanje siyabhaka. Ibhiskithi ziyajika zibe bhrawuni. Isisu sam silambeke ukutya. Ndiza kuzigcinela ibhiskithi yokugqibela. Ndiba noncumo olugoso xa ndicinga ngezihlangu zam ezibengezelayo ezitsha.



I want to pop the cherries in my mouth. I want to bite into the crunchy cookies. Then I remember my new shoes. When I sell the cookies, the coins go jingle-jingle in my pocket.



Ndifuna ukuqhashumbisa amaqunube emlonyeni wam. Ndifuna ukuluma iibhisikithi ezikramzelayo. Ngoku ndikhumbula izihlangu zam ezitsha. Xa ndithengisa iibhisikithi, imali iyakhenkce-khenkceza epokothweni yam.

I am looking after Thabo for Wandiswa. She is going to pay me for babysitting him. When he laughs, his fat little cheeks shine. I love to kiss his soft skin. Today he is my baby.




Ndicelwe nguWandiswa ukuba ndigcine uThabo. Uza kundibhatala ngokumgcina kwam. Xa ehleka, izidlele zakhe ezitum-tum ziyabengezela. Ndiyakuthanda ukuluphuza ulusu lwakhe oluthambileyo. Namhlanje ulusana lwam.

Wandiswa says I can look after Thabo again. I feel like a grown-up mama. The money for babysitting Thabo is in my pocket. Jingle-jingle, my pocket is full.



UWandiswa uthi ndingaphinda ndimgcine uThabo kwakhona. Ndizibona ndingumama osele ekhulile. Imali yokugcina uThabo isepokothweni yam. Khenkce-khenkce, ipokotho yam izele.

Today I am wearing my new shoes, all shiny and smelling of shop. Clip-clop go my new shoes. I am off to show my friends the shoes I bought. Gogo and I did it together.



Namhlanje ndinxibe izihlangu zam ezitsha, ziyabengezela kwaye zinuka ivenkile. Shixi-shixi zitsho izihlangu zam ezitsha. Ndiphume phandle ukuze ndibonise abahlobo bam izihlangu endizithengileyo. Le nto siyenze kunye nomakhulu.